education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 10

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

IPHEPHA 1

NOVEMBA 2006

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 IIYURE

This memorandum consists of 6 pages.

ICANDELO LOKUQALA: UVAVANYO LOKUQONDA

ISICATSHULWA A

UMBUZO 1.

1. Kungcangcazela nabadlali abanamava. (1)
2. Into eyoyikisayo kukuba uMakhaya lo uneminyaka engama-25 kuphela ezelwe yaye useneshumi lonke leminyaka lokuba ayiphucule le talente yakhe inqabileyo. (1)
3. Ngokusuke abone abantu ababedlala iqakamba elalini yakhe esolusa amahashe asondele ke ebukela, bambiza wasondela wadlala. (1)
4. Yinyani. Ngokwakwisicatshulwa kuthiwa uyawuthanda umculo weGospeli okanye umculo weJazz. (2)
5. “Akukhathaliseki nokuba uhlala phi na, okanye utsala nzima kangakanani na ebomini. Xa uzimisele ngento musa ukunikezela.” (2)
6. Ayilula indlela ebheka empumelelweni. Siyabona apha kuMakhaya akakhange akhule lula. Ubesokola ukukhula kwakhe kowabo, uqale ezalusela amahashe akowabo wanethamsanqa lokuba athi ezalusela loo mahashe abizelwe ebaleni akhe naye aqhokre ibhola kuba wabonakalisa umdla. (2)
7. (i) utshawuz’imibane - umntu okhawulezisayo xa esenza into (1)
   (ii) idayimani - into enqabileyo nenexabiso (1)
   (iii) ukuvumbulula - kukuthi phakathi kwezinti ezisithiweyo uchonge / ufumane into ethile. (1)
8. QAPHELA: Apha kuya kwamkelwa isihloko esihambelana ncam nomxholo wesicatshulwa umz: Indlela ebhek’empumelelweni; Umzingisi akanashwa; Kuqala kube mnyama phambi kokuba kukhanye, nezinye. Esi sihloko sifaneleke kuba uMakhaya usendleleni ebheka empumelelweni njengoko oku kuboniswa nakukuba utshawuz’imibane esaza kuqhuba njalo kuba usakhula; okanye wazingisa akanikezela kuba ekhule esokola wada waba ukule ndawo akuyo ngoku. (2)

   (Akufuneki umvavanywa aphinde isihloko esivelayo kulo mhlomlo.)

/14/

ISICATSHULWA B.

1. Ngamandla. (1)
2. Ngumongikazi. (1)
3. UBianca wayefuna ukuba ngumongikazi ukuze akwazi ukuncedisa ukondla usapho lwakowabo olunabantwana abaninzi. (1)
4. Kukungabi namali. (1)
5. Umfoti, nokuba wonke umntu unesiqendu sakhe, ayazi ukuba izinto ziza kuhamba njani, okanye aqinisekise ukuba yonke into ihamba ngendlela ukuqala kubafoti ukuya embonisweni. (2)
6. Ononyamezelo. (1)
7. UMakhaya ngumdlali weqakamba aze uBianca abe ngumcedisi womvelisi-nkqubo kwiTV yakwaSABC. (2)
8. Bobabini basebenza phantsi kweemeko apho sonke isizwe sijonge kubo; besebenza phantsi koxinzelelo; benonyamezelo; ukuzimisela; nokuzinikela. (Nasiphi isibini kwezi). (2)

9. (i) ekhusini - emfihlakalweni (1)
(ii) uxinzelelo - ukusebenza phantsi kweemeko ezinzima (1)
(iii) umceli mngeni – into efuna uzimisele xa uza kuyenza, ayilula, ifuna umntu osebenzisa ingqondo (1)

10. 'Khanya apho ukhona'; 'Hamba noBianca wodumo'
(Qaphela: Kuza kwamkelwa izihloko ngezihloko eziza nabavavanywa. Lo ngumzekelo nje. Baza kuzixhasa ngeendlela ngeendlela kumbuzo 11.) (1)

11. Silindele iimpendulo ezifana nezi: Apha esi sihloko siza kutsala kuba siqale ngesenzi esikwisiyaleli, sikwasebenzise nje namagama amathathu okanye malunga nesi sesibini singathi: Umfundi weBona uza kuba nomdla leli nqaku afune ukuhamba nalo Bianca wodumo ezibuza ukuba udume ngantoni bethu njalo njalo. (1)

/16/

AMANQAKU EWONKE ECANDELO LOKUQALA [30]

ICANDELO LESIBINI: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

IINGONGOMA EZIPHAMBILI

- UAvhahumi noAzwifaneli ngabantwana abazelwe bezizidalwa kodwa bazakhela umzi, balima nemifuno.
- Abazimiselanga kuxhomekeka mntwini.
- Basazimisele ukuthenga eyabo ifama ngeenjongo zokuvula amathuba engqesho kuluntu.
- Unina naye ube negalelo kwimpumelelo yabo.
- Bazenzela imali besenzela amaxesha entsokolo.
- Ababoni sizathu sokuba iingxwelerha zihambe zicela imali, bakholwa kukungazisizeli.
- Unina unebhongo ngeentombi zakhe azithatha njengesipho esivela kuThixo.

[10]

AMANQAKU EWONKE ECALNDELO LESIBINI [10]

ICANDELO LESITHATHU: UKUSETYENZISWA KOLWIMI ENTETHWENI

UMBUZO 3

(a)

(i) Ijagoni esetyenziswe nguShoti yile: majita; esimokweni; esiblind.
majita - manene
esimokweni - engxakini
esiblind - embi (2)
[QAPHELA: Apha silindele ukuba abavavanywa bathi xa bekhetha ijagoni esetyenziswe nguShoti bakhethe amagama amaBINI, baze banike negama elifanelekileyo endaweni yaloo jagoni. Apha ke kunikwe amagama amathathu ekuza kukhethwa kuyo].

(ii) Ndiyinzwakazi. (1)
(iii) Ndiyisebenzisile/ndithenge ngayo. (1)
(iv) Iyanditya le nto - iyandikhathaza (1)
/5/

(b)
(i) 1. UShoti usinde ngezikaSibi emva kokuba eleqwe ngamantombazana athathe imali yawo. (1)
2. Inxeba lendoda alihlekwa, bendingazi ukuba uShoti ligwala elinokuleqwa ngabasetyhini. (1)
(ii) ngumthambo - xa uzilolonga/uziqeqesha ulungiselela ukuba ukulungele umzekelo, ukudlala. (1)
(iii) mithambo - le ibaleka igazi emzimbeni.
(iv) emhlabeni - lo kukhula kuwo izityalo.
(v) mhlaba - luhlobo oluthile lwamakhala oluhlabayo oludla ngokubaswa. (1)
/6/
[11]

UMBUZO 4

(i) Ukujija ingqondo (1)
(ii) Kungokuba xa ujonge isihloko, umzekelo, esithi: (1)

SIMAHLA! I-exercise book…..
Sikwenza uqale ubone igama 'simahla', ube nomdla ke ngoku wale nto ifumaneka simahla. Uyalibala nokuba ingakanani le nto ifumaneka simahla kuba kwa-oonobumba abasetyenziswe kwigama u'simahla' abalingani namagama alandela emva koko (Apha ke silindele abafundi abaza kuzizakuzela/kuzixhasa bathethelele iimpendulo zabo. Sijonga ke thina isihloko esingaphandle kolu qweqwe lweeBONA oluchongwe ngumfundi, nendlela azithethelela ngayo.)

(iii) UZOLA uTsotsi onobubele - umzekelo ndiza kufuna ukwazi ukuba uZola wayengutsotsi njani, kuthetha ukuthiwani xa kusithiwa ngutsotsi onobubele. (2)
(iv) Ligama elithi: 'SIMAHLA', kuba lidiza ukuba awuzi kubhatala, negama elithi 'ZUZA', lize libeke isityhwentywe semali ngokungathi uza kuyifumana mahala. (2)
[6]

UMBUZO 5

(a)
(i) Sihambelana nalo umfanekiso wabadlali ababini abakhaba ibhola. (1)
(ii) Kungokuba lo umfanekiso wokuqala ubonisa ukuba kwakunzima nyhani kucaca ukuba konakele ukuhlala, oko kukuthi kwakuqhawuka unobathana kweli bala lebhola. Ubona nangendlela abatsiba ngayo aba bafana. Noko kulo umfanekiso, kuba sisemile isithuthuthu esi sihloko asingeni kakuhle njengoko sinjalo kulo unentshukumo umfanekiso. (1)

(Apha ke siya kujonga indlela abazixhasa ngayo abavavanywa).

(iii)
1. Aba bafana bakhabana nebhola.
2. Ibhola idlalelwa ebaleni, ndiyabona ukuba bakhuphisana noMakhaya oqhokra ibhola ngephini yena.

3. Lo mfana neli nenekazi bayakhwelisana kwesi sithuthuthu. Inokuba baleqa kumdlalo weqonga olungiselelwa nguBianca.
4. Isithuthuthu somfana sibaleka ngamendu kuba akafuni kuphoswa yibhola yeqakamba.
5. Aba bafana badlala emini. (5)

/**7**/

[Qaphela: Le yimizekelo nje yohlobo ekulindeleke ukuba bafundi bazakhe ngayo ezi zivakalisi. Kufuneka bazakhe bejonge kule mifanekiso mibini, oko kukuthi silindele izivakalisi ezinento yokwenza nale mifanekiso.]

(b)

(i). lweemviwo
(ii). ukwigumbi; emlonyeni

/3/
[10]

UMBUZO 6.

(i). sa - ubonisa okusaqhubekayo (1)
(ii) nga - kufutshane nento ethile (1)
(iii) ukuze – ubonisa injongo yokwenza okuthile/ isizathu sokwenza okuthile (1)
[3]

AMANQAKU EWONKE ECALENDELO LESITHATHU [30]

AMANQAKU EWONKE: 70